



Inombolo yefayili.: 26/6/3
Isalathiso: 20230814-7099

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo noKuphathwa kwamaZiko: 0004/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, kumagosa oCwangciso nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente

Isihloko: Ukurekhoda iintlawulo ezenziwa ngomatshini zokukhawulelana nemeko yethutyana (ad hoc transfer payments) eziya ezikolweni

1. Ngethuba lophicotho-zincwadi lwangaphakathi olwenziwa ngo-2022 kwafunyaniswa ukuba ayizizo zonke iintlawulo ezenziwa ngomatshini zokukhawulelana nemeko yethutyana eziya ezikolweni eziboniswe ngokufanelekileyo kwiingxelo zengeniso nenkcitho kwi-WCED 043.
2. Ukuba iintlawulo ezenziwa ngomatshini zokukhawulelana nemeko yethutyana azichazwanga kwingxelo-mali yengeniso nenkcitho yesikolo, kubanzima kwisikolo nakwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) ukukubeka esweni ukusetyenziswa kwentlawulo eyenziwa ngomatshini yokukhawulelana nemeko yethutyana.
3. Kwixesha elizayo zonke iintlawulo ezenziwa ngomatshini zokukhawulelana nemeko yethutyana eziya ezikolweni, mazifakwe kwisistim i-electronic cash book system ebonelelwe liSebe i-WCED yaye mazibonakale kwi-WCED 043 ngolu hlobo lulandelayo:
 - a) Kwikhasi (page) elithi "Budget", phantsi kwekholam ethi "Other WCED Transfer Payments (Projects)" kukho isixa (provision) esenzelwe iintlawulo ezili-10 ezenziwa ngomatshini zokukhawulelana nemeko yethutyana. Lakuba lifunyenwe igama lentlawulo eyenziwa ngomatshini yokukhawulelana nemeko yethutyana (umz. "Focus Schools", "Safe schools", "PEIP", etc.), malibhalwe/malifakwe kwikhasi (page) elithi "Budget". Iintlawulo ezininzi zingongezwa zakuba zifunyenwe.

Budget (other transfers unknown)

Other WCED Transfer Payments (Projects)

1

2

3

4

5

6

Budget (once transfer payments become known)

Other WCED Transfer Payments (Projects)

Focus Schools

Safe schools

PEIP

4

5

6

- b) Le entri iya kuligqithisela (*transfer*) igama (e.g. "Focus Schools", "Safe schools", "PEIP", etc.) kumacandelo engeniso yesistim i-cash book system nakwi-WCED 043 .

Other WCED Transfer Payments (Projects)

Focus Schools

Safe schools

PEIP

4

5

6

- c) Le entri ifanayo (umz. “Focus Schools”, “Safe schools”, “PEIP”, etc.) iya kuboniswa kwicandelo lenkcitho lesistim i-cash book system nakwi-WCED 043.

Other WCED Transfer Payments (Projects)	
Focus Schools	
Safe schools	
PEIP	
	4
	5
	6

- d) Zonke iinkcitho zeentlawulo ezenziwa ngomatshini zokukhawulelana nemeko yethutyana kufuneka ziboniswe phantsi kwee-ayithem ezicacisiweyo.
- Ziyacelwa zonke izikolo ukuba ziqinisekise ukuba zonke iintlawulo ezenziwa ngomatshini zokukhawulelana nemeko yethutyana, zifakwa kwisistim i-cash book system njengoko kucacisiwe apha ngasentla. Ezo zikolo zisebenzisa ezinye iiphakheji ze-accounting maziqinisekise ukuba ii-entri ezifanayo ziyarekhodwa (kubonelelwe nge-WCED 043 eyahlukileyo ukulungiselela le njongo neneempawu (features) ezifanayo neze-eCashbook).
 - Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane onke amabhunga olawulo ukuze akuthathele ingqalelo ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo ziyakuthobela oku.
 - Iya kuthakazelelwa intsebenziswano yenu ngokumalunga noku.

ISAYINWE: NGU- S NAICKER

USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO

UMHLA: 2023-11-07